Umhlobo wetu u "A.B.C." wenjenje ukusibalela: Kwakona ndinga ndinga- buye ndikukataze. Nambla ndinga ndingabala ngendawokazi enkulu kakulu ete ngaleminyaka yakutsha nje yawuvubavuba kakulu umzi omhlope olapa nakwamanye amazwe, ngango- kude unyulelwe amadoda okuyikangela, enze izwi ngayo. Nditeta ngesifo esibi kakulu Iqenqa. Esisifo njengoko waziyo Mhleli, site kuleminyaka sataba- ta amandla amakulu ngangokude side singxamele ukuqeleka pakati komzi ontsundu, okude kwafun' ukuti kupele ukoyikwa esibe sisoyikwa ngako ngumzi ontsundu. Kekaloku njengoko abafundi bako baziyo, kweli sikulo seyipumile ingxelo engaso. Pezu kwe ndawo ezininzi ezibalulekileyo, yeyalata ukuba siya sisanda ngokwanda. Aye -^amfAiene abeqwalaselelomcimbi esalata ulnaba, koti ukuba asiti sihlangatyezwe msinyasibe siya kuwugqiba umzi upela. Ngenxa yokwazi ukuba isituba asiko kakuhle epepeni, sendiya kuqaula inkalo nditi: Kuyalezwa ukuba makati onaso abikwe ngabamaziyo, nokuba 'makulunyukelwe ukuhlalwa ndlwini nye nomntu onaso nokudlelana naye, njalo-njalo. Kekaloku umzi wakowetu ngati lento awuyiqondi, yokuba bekufanele ukuba sonke simise inyawq sisilwe esisifo sibi kangakanana, ngokuti endaweni yokuba aiihlwe onaso, ibe yindawo yetu ukuba simbike Komkulu, ukuze ngoko ahlulwe abe selugcinweni. Yaye le ibingeyiyo into yokuyekelwa ezibondeni. Abantu, inkoliso yabo, abagcakamele ikakulu ukubuliswa nobukosi: endaweni yokuba bakangelele intlalo-'ntle, nelungelo loluntu kwinda- wo ababekwe kuzo, kuloko ibifanele ukuba ikangelwe nguye wonke umntu olutandayo uhlanga lwakowabo, nonga lungaba lolumpilo ihlambululekileyo, intle. Ngase India ingxelo ngaso yalata ukuba sesiwutyutyile lowo, nokuba siya sulela, saye kananjalo sikauleza ukwanda kwimizi exineneyo, emdaka, ne bantu bampilo iyeyobupantsi, njalo- njalo. Eyase Norway ixela ukuba nakuba beseside safuna ukuwubhshulisa lowo mzi, ngoku siyeta, ngokuti sindwetyelwe, bagcinwe nxam abanaso, kangangokuba bangabi nakudibana noninzi. Kekaloku ngati yindawo yetu, njengoko senditshilo: ukukangelela owakowetu umzi ukuba ungatyutywa yeda sesi sifo sibi kangakanana. Inye ke indlela yokukwenza oko, kukubatyila abanaso endaweni yokubafihla. Ewe, kuyinto enzima umntu ukwahlulwa nentsapo yake okanye nezihlobq zake, kodwa ke makutsbabalale umzi wonke, upela na, ngenxa yosizi? Njengeyeza elirara emntwaneni, kanti noko uyakunyanzelwa ukuba alisele: kuya kuba njalo kanye kuyo lento. Umzi ontsundu ungekadibani nezinye intlanga ubungumzi ompilo intle, obufanele ke ngoko ukuba ube nekwele ngalondawo, uzame ukuyihlambulula impilo yawo.

UMSEBENZI WAMAK0S1KAZI E QONCE

Amakosikazi namakosazana antsundu e Qonce awakazanga aba nanto ayenzayo odwa kweze Lizwi— into ebange ubulweLwe ke leyo emsebenzini ka Tixo, kuba engumzi onetnpembelelo ezintweni; kwaye kungeyiyo ke into elungileyo ukuba ibe ngu Satana yedwa osebeuzayo ngaleyo mpembelelo kwezake izinto.

Okwenene ke ate awase Wesile e Qonce akusisebenzisa isitunzi sawo kwinto enjenge Timiti yokufuna uncedo ekwa- kiweni kwetyalike kwabouakala. Ititniti kade zibako. kodwa asikazange siyibone tina eziwe, yahonjelwa njengeyama nenekazi nama nenazana ase Wesile e Qonce. Ibe netnpumelelo entle konkena kwelo cala, yaza nangecala lengeuiso yaquba kakuhle kunene

Itikiti ezinikwe abangeni abakulu zibe 165, ezabantwana 39, bebonke 204 abangeneyo; kwafumaneka i £12 elinesiquma seyibhatelwe imali yokulungiselelwa kwembuto. Elixabiso lingapandle kwa- manqaku abalulekileyo awenziwe ngu mfundisi u Rev. J. Mahonga no Mr. Tengo-Jabavu ote ulifanankosi (nomfu- ndisi, hinje?)

Umfundisi ebushushwini boluvo ngomsebenzi owenziwe ngamaledi e Band la ute uyawuvala umsebenzi ngoku rola inkabi yebashi Yeka ke izandla ezotu- kileyo yilento kuba ibingalindelwe etinaitini. Igosa le Bandla, u Mr. Tengo- Jabavu, akuba evakalise ukuxuzuka koluvo yinto eyeuziwe ngutnfundisi, ute ekungalungiseleleni (kuba into isengom- hla wokuvula) selempeleka umfundisi ngemazi yenkomo anokuyipututna um- fana e Ngqushwa ngelihashi lirolwayo. Lwaqekeka kwakona udiwu.

Uingcobo obubekwe pantsi ko Rev. J. M. Dwane, ote wagoduka ngokuhainba kwexesha, uxunywe kunene nazezinye imvaba zabantsundu, ete ke lonto yawunika imfaneleko entle, ekuto ngco ngoku- kodwa ku Miss Secretary Lala Mahonga, unomazakuzaku wawo; kwaye kukwanjalo nako Mrs. Mahonga, Mrs. Tengo Jabavu, Miss Madosi, Miss Hina, no Misses Mekute, Gudula, nabanye abebe pambili ekuwuxabashelenl, Sivuya na- bo ngempumelelo yomsebenzi wabo.

Masingayilibali impi ebavumi, engewabanga nandlela umsebenzi ukuba ongalingiselelanga nayo. Iqela eliqeshwe ngu Mr. Sakuba likufanele uku-Xkankanywa kaneomekayo; malilandele ko elika Mr. Teacher Sidzumo. Ikoteti ezibe zipetwe ngo Mr, Xiniwe, Mr. Mlilwana no Mr. Ncapayi mazingasaleli xa kukankanywa amagama empi eydise umzi ugongoma.

Ekuqutywent komsebenzi zibe ninzi izinto zokuwuchatisa umzi; kanti ke kuzo zonke epokeleyo.kwezetu ingqondo kukutengwa kwamrdodaua onke ase Qonce nge*peni,"* Ze apo imata ibe kona kungabiko anako ukuzivutulula kwelohlazol Asiko kunyaba. Madoda!

Kakade ngokwesinto eziya pantsi kwe mpumlo, akubanga kuhlo kanye kuba amalungiselelo etsho nganeno le kuba atnanani abekangelwe ebengapantsi. Kodwa abaququzeleli babe namaya abarwafumanayo ekulungiseleleni ngelicala ayakuba iuuoedo kwixesha elizayo kuba sivuya ukuva ukuba amanenekazi la akazimisele ukuba lomcimbi upelole ekubeui ngowokuqala wokugqi-
bela wawo.
Siwaselela intsikelelo nengapezulu ngomso. mawachume ande entweni ezilungileyo amakosikazi namakosazana ase Qonce.

Imvula mayine ke!

INCOKO.

Dear sir,— Nceda kaufake ezindaba kwelo pepa lamanene ngosizi olnvnkele kwipepa elidluleyo elibalisa ngenenekazi elihlutwe intlaka emlonyeni lelinye. Ewe betu ndiya kuvela nkosazana ububi okubo namhlanje, kwanangendleko zelokwe leyo yako, ke kubonakala uknba abafana abatshata kona e Johannesburg makuti pambi kokuba batshatiswe kubhalelwe emakaya abo ukuze kwaziwe ngabo. Lento zindleko ezinsratetekiyo nengqumbo embi entliziyweni ye ntombazana. Gxolo ngceituba ndibangwa Insizi. Owako ozitobayo, ndim P.— Kimberley, September 2, 1895.

Ngati ayilunyukelwe ngabafuzana into yokuba umntu abupepe ubuximbululu naxa sisebenza imisebenzi yendluyake. Kanti ke kulamaxa nzima mingalo sinawo eku nqabe kangaka nokufumana izicaka, eku bonakala ukuba umntu makaxole nokuba ufumene isieaka sendoda ukwenzi. umsebenzi orabr.xa, umnikazirozi kunqabile kuye ukuba angusebenzi kuvi i boy ayidli ngakuba naluncedo ezimizibi, ekuti kengoko lomsebenzi utnele umnikazi ndla ngapandle komnye omuintshi unawo kakade.

" La ntwazana ifole e ukuba ne mali," yavakala kitsho enye idyon wona lomlungu incokola no'nnye.

Ute omnye Kunsuba kunjalo ukuba nyayazi, nokuba iwahlana kukuhie amatyala ayo "

" Kodwa ke," yatsho lont ewana " asikutyeba kodwa into e'nnek»yo"

" Hayi, ukuba ngaba yintwazana entle kungakulungile.""

"Entle?" ibuzile indoda eselinamava, yatsho yati : " Mfana wam! wonke umntu uyamtanda umfazi okwenynnga ezimbalwa, 'ze emva koko angamazeli nto.

Madodana ! namsakuti ukutanda kwenu intwazana enisukube ureta nazo niz nikele Eoye indodana kwe'ase Amerika eyayiseli aha intwazana ebud ilibuyiminyaka i ishumi elineaibhozo, ife ingalindale. Rlieoka belingafunwa ngabazali, yaye intombaz-ma ilipikele Bade abazdi bdirma iqina, ngokuyi xokisa intomb zona, biti elisoka liyakuxokisa, aelinenye intombuzma eliyifilishiyo. Ekuve: oku intombazana igqqibe ekubeni uke ivavanye utando Iwes ka elo ingalibuza nganto ngalonjo imbi. Ete ngokucetyiswa ngu yise yawaka nalo ngokuhlwa ; yati " Ukuba uyanditanda make ndiknxhome, ndobnye ndikukulule kameioyane " Yaselivunia indoda kuba isiti lomncu akasayikuba namandla kunditsala. Kanti usontombi seleke, wnyencedisa ekuyit uleleni londodana, ekufunyenweni kwalowo ubuleweyo kucingwe ukuba makabe uzibulele. Kwavela mntu ute makubizwe kjlontwazana, esuka yaxela njengoko njalo. "Utando yimfa ma."

Mhleli,—Ndipe indawo kwelo pela lo hlanga ndipendn'e utnfo wase Qonce nge ndevu kweli letu kwindawo ebonakele kwi pepa le 15 August. Yini ukuba uti ubuza ngento enjengde ungazixali igama Isiko mnumzetu ? Siya kutini ukukwaz'sa ngo tnhlobokizi wako ? Yona into e"jenga'e akuxelela yona esiuto ikoyo apa, ungasika or ungasuea kuti mu iudevu nenwele akuko tyala, qonda, mna ezam inderu bendiz.isoea izolo eli. Ukuba uyatanda ukutata icebo IOWKSO Johannesburg umntu, stkuza xa umhiolokazi wako ongafini, tkanye uya kufika ingu Miss Sondlo apa, itninwe seyizale zingazi zinsiziva. Ukuba ufun ukulandiswa knusityele ukuba u Mrs. Buna, umhlanmbi yayiyinqu M'as Bini, na, kuba apa ziti ezi ntokazi zishiya amadoda zingo Miss, kuba ukwenda apa kakulu nge " ntongo." Molo mhlobo,—NTLOLE LA YOMBIXI, Fifteen Shillings and Sikabn's Office, L oornfontein, Johanneaburg, 21 August, 1895

***

Nkot-i yam,—Ndipe indawo kwelopepa lam nabanye, ndihlabe unikasi kubazali abase Koloni. Iwa ! Iwu ! putumani abantwana benu abazintombazaua. Bazali bitenina aba bangeni umekuzala kwa bo? Enye yase Koloni kufupi ne Qince iuikwe imnyaki emitatu ngokwipula intembiso (Jnkabik zi uvumo one ne Nzule ukuba balane (tshate) efunx ukufu inana ilake elo, kuba kengoku ngambini akupa or atenga utando ngema i Kuti k itekweso situba, u Drear sekupe ukumpa u Dear wake kwisitaba se £10, kuke abahlobo bentombi apa bati— Yini, wenzani ne Nzekale ? Seyimda u De ,r intombi, yekoko i NzuLe ukuya emagqweteni. Siteta nje, xa ndenzs into eminyi, isegantolo intombi leyo itsala u. Tshotsho. Okwesihini, ungafika ezontna i beziza kuvutna esikwayaleni kuma Qonce ziziudlezane e Scornplus, okanye zingan.a. shweshwekazi, nditeta mna ukuti intombi zabashumayeli zashiya uburame te e Gqili (Orange River) ziya kubutata ngokubuya. Ez nye ziyaxeza mu emva ko 8 p m , inxenye esate cu ko Mrs. iti izi married women. Ihlazo, ihlazo ! nabelungukazi ngoku kunzima ukuziqesha. Ungafika uknba kumhla uyayo e Scomplns uti nanzo inkuku pakati kwezindlu, kanti hai ngotnatyolweui. Pu tumani abazukulwana benu, nditsho kumandla wase Qonce. Mali ibingangantonina le ide isukelwe naziotombi eziugezinge zise benze nakwi dolopu z ise makayaci, hai intombi Zise Qonce nokutanda iminyango emibi, ungnflki amagama azo eku Ledger Book zamagqweta, kuba zifuna ukondliwa. Ndobe ndikuxelele mfo wase kaya. Ziya simangalela mu. Ndingu,— DUKVDA NG XONGO WENZULE, Scomplus, Coolie's bide, Johannesburg.

AMANANI EZINTO.

E BINI.—Ngolwesi Bini, September 10 :— Ibbotolo 1/6 ne 2 9 ngeponti ; Is ʲmile 6/, 7/ nge 100 leponti ; Amaqanda 4d ue 1/2 idexini ; Ihabile 6,7 ne 7/ nge 100 lepenti ; Inkuku 1/6 ne 1/10/ inye; lokum 10/ ue 27/ tigfflira; Irasi eluhlaza 1/4 ne 2/4 d^zmi ; Ilamuni 1/6 ne 2/6 nge 100; Umbona 6/7 ne 8/ nge 100 leponti; Icrerji 2/6, 6/6 nge 100; I-entyisi 1/9 ne 2/3 nge peck; Itapile 5/6 ne 12/ nge 100 leponti; Turnips 41 ne 1/2 Dgeqelana.

—o—

KIMBERLEY. -Semilel2/ ne 13/ngengxo- wa. Kali 12/6 ne 13,6 ngengxowa, Mbotyi 15/6 ne 16/ ngekulu, Umququ 11/ ne 13/ ngevolo, Habile 8/9 ue 9,6 ngekulu, Mazi- mba 15/ ne 16/ ngengxowa, Umgubo 22/6 ne 23/6 ngengxowc, Umbona 14/ re 14 9 ngongxowa, Omhlope 13/6 ne 14/6 ngengxowa, Tapi'e 14/ ne §0/ ngengxow-, Nqqolowa 20/ ne 22/ ngengxowa, Maqsnda 9d ne 1/ nge daziui, I ikabi £1 ne £6 inye, Mlzi ne £ I inye, Matole 25/ ne 30/ inye, Hagu 20/ ne 25/ inye, Hamite 12/ ne 13/ inye.

—o—

E PCRT ELIZABETH—Ngo Mgqibelo, 7 September :—Ibhoto'o entle kakulu 2/6, 3/, elandela leyo 2' ne 2/6, neyesit&tu 6d ne 8d ngeponti ; Irasi 7/ ne 7/6 ngekulu leponti; Isetnile 6/6 ngekulu leponti ; Imbotyi ezintle 10/ ne 12/, ezilandela ezi 8/ ne 9/ ngekulu Ikabeji 1/ ne 1/|. Ikolifl iwa 1/ ne 3/ idezini ; Amadada 2/6 iilinye ; Amaqmda aketiweyo 1/ ne 1/1 idezini ; Ihabile 7/ ne 9/ ngekulu leponti; Izikumba Zebhokwe 1/4 sisinye; Ikwakwini (imazi) 4/ ne 5/, inkunzi 5/ ne 9/ inye; Icuba le Bhulu 3|d no 41d ngeponti; Oranisi 2'5 ne 3/ emnye 5 Izikumba zankomo 6d ne 3d, Impondo l|d ne l^d nge ponti; Amazimba 7/6 ae 8 6 ngekulu le ponti; Hamuni 1/ ne 5/ ngekulu; Umbona 7/6 ne 8/6 ngekulu leponti; Inartyisi 2/6, 3/7 ngekulu ; I crenji 2/6 ne 5/ ngekulu ; Ama- tswele 15/ue 18 ngengxowa; Itapi'e ezipa mbili 1?/ ne 14, ezintle 7/6 ne 10/ ngekulu leponti; Amatanga 4d ne 6d Iilinye; I erityisi ezilishumi Id ngeqeluna ; Izikumba zigusha 1,1 sisinye ; Ubisi 1,9 ibhotile.

Umchiza ka Chamberlain Wokohloko- hlo uyegqita vonke eininye endike ndiyi sebenzisa. njengombi umtengisi ebipambili ekutengiseni kule inalike. Ndilingqina ukuba lelona yeza elipambilkwendaka ndawapata, okukohlela, nengqele, ne Stepu sabantwana. A. SV. Baldridge, Millersville, Illinois. Lile . rrgiswa kwa R. Lumsden & Co., e Qonce.

U MQ *J.* JI. Loper, Umpitikezi-mayeza udume kunono e Des Monies, Iowa, waka wanentlungu esemqolo, eyokutukataza inyapga ezintandatu. Ngalomayesha intiungu zayo zabanga ukuba angabi pakufunqula nento le. Akazange abe ngokuyishenxisa de afumane Elokuhlikihla lika. Chamberlain. " Ndalihlikihla katatu " utsho "soloko ndapilayo ezintlungwini." Uliyaleza kubo bonke abangaba banjalo, Litengiswa kwa R. Lumsden & Co., e Qonce.

Ibala le Cawa

Intsebenzo k a Yesu K ristu u YESU yaba yeye minyakana e- KRISTU. mitatu kupela. Ekubeni u Yohane ebemana ukuqononondisa kwinyambalala ebezisiza ezifundisweni zake okokuba kuza emva kwake orintsela lembandada angafanelekileyo yena (Yohane) ukuba angalicoinbulula; nokuba eyona mbeko" yake inknlu kukumgabulela izigeau. Utemhla wayalama i Nkosi ngamehlo ake zati izizwe ezazimngungile zingekabi nalwazi zona, zotuswa sisimezo sake: " Bonani imvana ka Tixo esusa isono selizwe, nguye lo endibe ndinixelela ngiye " Okwenene ke umzi uwapose kuye amehlo, wancotuka ku Yohane. Kwanje ngaku Yohane, umzi wakwa Sirayeli ube nendawo oogabanga nakupumelela nazo mayelana no Yesu Kristii. Akafikanga njengokulindela kwabo— enamawonga nobunewunewu bobukulu base mhlabeni, epahlwe ngama woko- woko, abangungi nababusi njongesiko lento zelizwe. Inteto zake nazo kwangokunjalo zatsho wawa umzi, kuba watika nayelomntu bekuliliselwa ngaye ngu Yohane esabdata eduze ubukumkani buka Tixo. Wati nase kutumeleni kwake aba Positile abalishumi elinambabini wabayalela ukuti maze baxele ukuba ubukumkani bezulu bukufupi. Inkosi yetu yayingazele nje kodwa ukusinika imiteto nemigqalisolo yentlalo, nokusibonisa ngowayo umfuziselo eyona ndlela yentlalo nokufa. Olona lukozo Iwento wayeze kuba yiutlaulo yesono selizwe ngokubetelwa emtini. Esiko kupela kwesizekabani sokuza kwake ehlabatini. Ngalo lonkeke ixesha awayengekali avuke, baye bungekafiki ke ngoko ubukumkani bake obungekuko ukutya nokusela, kodwa bubulungisa, noxolo; novuyo ku Moya Oyingcweie. Ukufika ko Msindisi elizweni. ubomi bake nemfundiso zake, zacangcata ngapandle kwemi ziia amabhongo ezizwe awaye lindelekuyo; laxakama ke ngoko ilizwe ngaye, ewe, nabona babe ngabalandeli bake ayitihla- kele nakubani indawo yokuba babenga buqondi ubukumkani bo Mesiya wabo, Kwaye kuliudelwe okokuba uyakubayi njengele eya kuboyisela ibakusele ezi-ntshabeni zabo ezinje ngoma Roma. Lomoya ke woknuganqoudi owona mxhoio nokozo lwento obu} iyo ubukumkani buka Y'esu, wamana ukuzibonakalalisa ngempawu ezimbi kuba disepile be Nkosi kumaxa atile, yiyo lento eya- bangeia ukuba kumana kubako imbambano ngezihlalo zobukulu kwi bhotwe lase mazulwini, neyabangela ukuba o Priter baxabe endieleui ye Nkosi yakuba ibaxelela ukuba iya e Yerusalem ukuze inikelwe ezaodleni zezikohlakali. Woza kwabake kodwa bona abamamkeianga. Nakubeni kuyinyaniso ukuba uluzo Iwake nemfundiso zake, zazichasene nemvo ezouakeleyo zelizwe, kukwayinyaniso engu mangaliso nebonisa ubu Tixo Vake, ukuba ngococeko namandla obomi, nemfundiso, uemisebenzi yake, walishukumisa ilizwe lipela. Uluntu, ngapandle kwaba Farisi naba Bingeleli, 1 waluhendekile yimisebenzi yake: koko impi eyayimchasile u Yesu yasebenza ngobuqokolo obukulu kunene, yapumelela ekucengeni izihlwele ukuba zimgwebel' ukubetelwa emnqamiezweni ; ngoko ke u Ytsu Kristu waG ugokubo telwa emtini njengoinbulawa nanjengofela izono zelizwe. Ii.kosi yetu yangewatywa, yati kodwa ngomhia wesitatu yabuya yavuka ekufeni, yati emva kokubonakala iotsuku ezimashumi maue kuniuzi lwamangqina ngamangqina, ubunintshi bawo awayeseko ngemini zokubhala kuka Paulos (1 Cor. 15; 6), wenyukola emazulwini bekangele. Yemka Inkosi ibabeka ngedinga lokuba iyakusoloko inabo de kube tekupetweni kwelizwe, nokuba ngemihla yokupela iyakubuye itike eiizweni. Akuko ntandabuzo baninzi eyeinka sebekoliwe Inkosi, nakuba bangaba babembalwa kakulu ukuba babeko ababenotifi lokubuqon la ubukumkani bake awayeze kubuseka ezintliziyweni zabantu ngokufa nokuvuka kwake. Umsebenzi wokuvakalisa nokuyityila le m fu ndiso

ABArosTiLE washiywa kuba Postiie ababengepi nabo, ishu- nyana elinanye, kuba kaloku omnye wabo u Judas oka Skariyoti wayeaele eye kweyake inda o njengokuba sisitsho Isibhalo. Amadoda ambilwa angena mfundo nabutyebi. namawonga, nampe mbelelo ukushtywa ngumkoleleli wawo ongnm'mangaliso, aze ashiyelwa ukuba embe, adonyule, aqetule inkolo ezendeleyo zezizwe, azokungeuisa unqulo olutsha noluchasekileyo lo Ye-u obete- Iwevo, olusisikubekiso kuma Yuda nobutyakala kuma Girike; yay' inguinsebenzi onqabiieyo ngokwase bautwini ukuteta, kuloko into eziuqabileyo ebantwini azi- mnqabelanga u Tixo. Eligcudwaua laba Postiie lalinomsebenzi oyiutaba nonzima pambi kwalo. Ukoyisela indwebi zama Yuda neziebi zama Roma nembhazolo zama Girike kwimfundiso yomnqamlezo —bazokukolwa kwi Nkosi abebengasayi- boni, bazikauyeze, bajonge kamvuzo owawukangelekе njengenkulisa bantwana, yayingento yakufeketa. Impumelelo yabo ke ngoko yatsho yaz'kwanqisa izizwe, ayina ndlela yimbi eugatybwa ngayo ngapandle kokuba nyani-nyani Inkosi ivukile ekufeni, kungoko lemise- benzi yamandla iyibonakalalisayo kwi zicaka zayo. I Gospile aylqalanga ngakwamkelwa zikulu, kuba zizo kaloku ezakwezelela umzi ukuba umcelele ukusikwa, waye uompuuga wenteto zika Yesu wawusalata ukuba abapantsi biva kuba pambili ekumamkeloni, okwenene ke kwabanjalo wati ezityila ezintsaneni zaye izazi liezilumko zimi kude.

UMHLA WE PENTIKOSTE. Umhla wesahlulahlobo nobusika owagqibA inkani ngokubonakalatisa e k u - hleni okokuba ubu-Kristu namandla abo abufanga ngumhla wokuhla ko Moya Oyingcweie (30 A.D.) obizwa ngokuba ngowokuzalwa kwebandla ekwati pantsi kwentshumayelo ka Peter nabanye aba Hostile kwa guqukela amawaka e Nkosini. Ingxelo yentsebenzo yaba Postile ibhalwe kwi "Zenzo" nakwi "Ncwadana" ze Testamente Entsha. Ngezandla zaba Postile kwenzeka izimanga, kwangokunjalo noninzi lwabaguquki Iwenza imisebenzi yamandla, lwasoma inteto ngenteto ekute ngevekana ezimbalwa kwaye sekuko pakati kwabaguquki ababingeleli naba Levi. Lentshukumo ayibanya se Y'erusalem kodwa, yanwenwezelela na kwezinye idolopu. Ubu-Kristu bafika babodwa kuzo zonke itnlihedesbozelizwe ukufundisa utando nemvelwano, nokuba ati osukuba enenongwana avipiweyo ngokuxelenga kwake akwazi ukulumela abanye. Ngesi sizatu ke kwayiIwa ityeya yokusiza iutsweli zebandla.

Kuyimposiso nkucingela AMAKOLWA ukuba umntu wayelahla OKUQALA, ilungelo lake empahleni yonke yonke, yayisisipo se nkululeko nesotando kwityeya yokunce- da abazalwana abasweleyo. Ubudlelana nobunye babulupawu olupambili kumakolwa okuqala. Ibilisiko ku wo ukwenza nmjikelo kwizindlu ngezindlu zamakoIwa, ebpkufike ke kumana kutandazwa kutatwa umtendeleko we Nkosi imihla yonke kukunjulwa uk jfa kwayo ; beku- nganqozwa kuxelwe tina ngezimini.

Intsebenzo ebukali nendaw-INCASO. cengiyo yaba Postile, noir wanda kwe ngqoboko kwabanga ingqumbo kwindindi ngendindi zentshaba ze vangeii. Izipatainandla zotuswa yimeko entsha ezinto, nkubona ilizwe lisuke lapenduloleka ngenxa yentsebenzo yaba Postile nabalandeli habo Zaba ninzi izinto, ngokuhodwa imvelana nelixesha, ezabangela uktichaswa kwe yangoli. Inani lamadoda awaye kutalele ukukhusela ubu Yodi nento zabo zonke launde kakulu, layo kananjalo lite nko.' kudinwa nokucala ukela kwalo iyokwe yase Roma latemba ukuba u yesu kufeza indawo ababe zilindele ku Mesiya —ukubushulisa injengele ezizimiswe ngu mbuso wase Roma ukuba zibalale Kodwa 11 Yesu endaweni yokwenza oku wabadanisa ngokusuke abayalele ukululamela ulaulo lwase Roma, waza ufanezu koko naye ngokwake wafa ngokufa okulihlazo. Ke ngoko abalandeli bake nangapandle kokucekiswa, bikangelwi njengentshaha zomzi. Amadoda ama-kulu awayeto, nakuba ayezikoh'akali I ahamba pambi komzi njengamalungelo inteto ka Yesu nabala ideli bake ebinga-cezeli bani osimilo sixabe pambi kwayo i yawenzakalisa kakulu. Into yokubi amaqayi awo awendeleyo abhululelwe pantsi ngokululayi Gospeli, yaba ngapezu kwamandla abo ukuba I angabi nakuyinyamelelo. Kwabonakala benyanze- lekile ke ngoko ukuba balinyukile unpnlo Inka Yesu. Kwakungeyiyo into elula ukutotha olunqulo lutsha ,

AKUBANGA kuba intsebenzo yaba LULA. Hostile yatsho waqala umzi, nase Tempileni amazwi abo ayepulapulwa ngolangazelelo olukulu zindimame, nodumq" wabalwaye lusanda imihla yonke. Ebekusiti i nokuba kuko omnye wabo obanjiweyo wafakwa etolongweni zisuke ingcangqa zetolongo zijube zodwa, kuti kuyasa abe Iowa bekutiwa ngumbanjwa abe sese gazulwini zezihlwele exokozela ngama lika Yesu ngokalipo olungatihlisiyo ; note wanyongoba ngemfele zegusha wazenza omnye wenani labo, ubenakanwa kwaoko abhengezwe. Kwaba zingqikingqiki kwakubi apo kwakuhleli o Ananiya namakosikazi abo.

ABANTU NGABANTU.

UDUMO LWEPEPA.

DEAR MR. EDITOR,—Nceda undipe ibala kweiopepa Inko I dmne kunene, ke ndisekele inteto yomhlobo ozibiza nge garn i lokuba ngu " Mntu," oteta ngokukululwa kuka Nkosi u Sigcau ngenxa yobuko nokalipo Iwe Liso LOMZI—IMVO ke. Yinene liliso mzi Wakowetu. Nditi unyanisile udiyamvumela ukuba elipepa lifanelwe kwapela ligama lalo. Kum namhlanje kusuke kwangati liyaqala ukwenza into ngalomcimbi ka Nkosi u Sigcau, kuba yinene kona ukuba kuye wonke umlesi obewuqwalasela ngenyameko loincimbi, ebeboua ukuba umntan' enkosi udlelwa indlala nje. Lento yenziwe lelipepa, pezu kwezininzi ezinkulu ehkade lizenza, indibangele uknba ndinyanzelele ekubeui nditi nokuba seliya kubiza ntonina nge Kwata nokuba ngonyaka ndibe pakati kwabaya kuwa bevuka nalo. Hlala uhleli Mhleli. Enkosi ngesituba epepeni lako.

JAS. D. GULWA.

Emnyameni, 14 August, 1895.

NGELASE MAMPONDWENI.

NKOSI,—Ndiyakucela ukuba maundifakele lemigcana kweiopepa lako. Bekuko intlanganiso enkulu e Flagstaff ngomhla we 11 ku August, 1895, kutetwa ngokuba kwamkelwe abantu bakwa Nkosi u Mdlangaso ngu Kumkani u Sigcau. Ute Unkosi u Sigcau kufuneka okokuba abe nguye ngokwake ongafanela ukubakangelela indawo abantu bakwa Mdlangaso. Ute ke umuutnzana lowo ubepete intlangauiso (Mr. Stanford) ukupendula, wabeta ngelibuhlungu ilizwi, elitsho sadana, elokuti: akuyalekanga na Sigcau, usafuna inlolongo na nangoku ? Manditsibe kuleyo ndawo, ndobnye nditete. U Zulu, u M janyelwa no Xonywa kutiwe mabaye Emateko, u Maqutu Etende, u Zouo, Ehlabati. Mandipele. — Esako isicaka,

SKEY NGEZANA.

NGOGUQULO OLUTSHA.

NKOSI YAM,—Ngendawo yokuba ababhaleli bakq bekala ngendawo yokuba inteto yesi Xhosa ayisatetwa, ndiya yipi- kisa, isi Xhosa sisatetwa nangoku, kwaye kungona ndiqonda ukuba sizakutetwa ngoku imfundo ingene nje. Into andiyibonayo mna kukttngena kwamazwi ezinye intlanga angati ongaqondiyo ati isi Xhosa siyatshabalala, ukanti hai kukwa- nda kwaso oko, yaye ingumkondo oza- twe zizo zonke ilwimi ezitetwayo, kuba ukwanda kwenteto kungena kwamazwi amatsha. Ngesi Xhosa se Bhabhile le isetyenziswayo, iyinyaniso inteto yokuba siuzima; kwaye ke lento iyiuteto ye Zibhalo Ezingcwele ibifuneka iviwe nangumutwana, nazizidenge, nangaba pantsi ngemfundo. Ndawana enye ndingayiqondiyo bati xa bezitetelela abaguquli ngama Wesile la ayalayo le Nguqulo lutsba, ndaye ndingaqondi ukuba ingamkusela timguquli lonto. Mabarole zizatu zimbi. Xa umntu esiti into imbi asiko kuzitetelela ukuti nguwe lowo utshoyo, bekuza kutsho bani kade? Ukuzitetelela kukubonisa ukulunga kwayo. Gqibike. Kwaye kumnandi kum ukuva ukuba siti ma Wesile abayi- bonayo ukuba leuguqulo intsha ayivakali kamnandi, yaye lonto isitetelela ; ibonisa kanjako ukuba tina ma Wesile siyayifunda i Bhabhile. Ndikolwa ukuba nabe fundisi betu bayabona ukuba abafundisi nto ipalalayo, abantu babo bayazifuuda i Bhabhile zabo. Esako isicaka,

E. MDOLOMBA.

NGAMAWONGA ABAFUNDISI.

NKOSI MHLELI,—Bendisoloko ndinqwanqwile, ndisiba kovela m'bhali woti ahlabe uluvo endinalo nam malungana naleugxoxo ingo Rev. J. Xaba, wase Mtata, nentelekiswa yake nabafundisi ababini besithili sase Rini, o Revds Philip no Malgas. Inteto ka " Olilungu,"' inesikwa sokuncoma—sidibene neqayiya lomfundisi wake; lonto ke ibangele ukuba aviwe butuntu ugabanye, Andi- nanto yakuteta ngemviwo zika' .Mr, Xaba kunye nokwabelwa kwake isiqendu esi- sesake ngesiqu, leyo indawo ingapikwa bambi kunam. Kodwa yona iutelekiso ka Mr. Dan. Gudula indibangela ukuba nditete. O Mr, Philip no Mr. Maigas kumhla ndivayo ukuba baneziqendu ezizezabo, oko kukuti bazi *paroclal clergymen.* Umkwa (umbi nawo) okoyo kwisithili sase Rini, kukuba abafundisi abantsundu bangamancedi«a kumfundisi womlungu k weso siqendu akuso. Ukuba kuko nomnye ontsundu we sithili sase Rini onesiqingata esisesake, ingaba ku- ngenxa *ye.sixaki,* qa ke. U Mr. Philip ewe, andingexeli ukuba ngoku usisandla sawupina kubafundisi babelungu besa siqendu akuso. Kodwa u Mr. Mal as upantsi kw'abongami ababini, o Rev. W. H. Turpin no Rev. P. B. Simeon. O Revs Momoti no Mtobi, abakankanywe ngu Mr. Mpondo nabo bangabancedisi. Endi- kutete ngentla ngo "Olilungu," ndikusingisa naku Mr. Mpondo. Ukuba ubani bangxatnele ukuncoma igugu lobu *prisle* kuhLe oko, kodwa knbi xa obubu priste butyatiswa ainagunya angengawo abo. Lenteto yam ngelingazmge ndinyanzeleke ukuba ndiyibhale ukuba abapriste abakankanyiweyo bebete bakalima ka msinyane. Mandize kuneza ngokuti ku "Olilungu," Messrs. D. Gudula, no Mpondo: Kulindeleke kakulu kuni na- knbanina ngamnye, ukuba xa kuxoxwa ngendawo epatelele ebupakatini babanye sitelekelelise kunene pambi kokubasitete' mhlautnbi sibhale, kuba singazi ukuba kobnye kuvele zizatu zinina, naluvo lunjanina ngabo sibhala ngabo.- Owako,

DALAS' EPEPENI.

NGAMAWONGA OBUFUNDISI.

NKOSI,— Uxolo kwakona, ungaqalo *ulamle,* asilwi no " Lilungu " Mfondini nanga amazwi ako :—" Abafundisi bamnika imbeko zokuba ngumfundisi wokti- qala kuhlanga oluntsundu (kwi Diocese yase St. John's) ongene ngocinya ekungena abatnhlope ngalo." Ndingena ukuti ndisawa *pikisa* lamazwi kuba kocingwa ukuba ndiyafwa nawo, *undilule kwlsthlalo esipakamileyo sentliziyo yako* kanti andihleki ngaso. Kodwa mandi- lenze eli: Umfundisi e Tshatshi ngu bishopi, ngu Mpriste, no Mdikoni. "Ku- ngayiinfanelo na uknba ati u Mxhosa ete inyama, uti mutton, beef, mhlaimbi veal; andikolwa." Ikwa ngamazwi ako lawo; kinti mna ndiyakolwa. Ukuba waka wati kum amliyityi invama mlila utike ndipeke enye yezi : mutton, beef veal, andingekwabeli; ndingenze m'akn' nyoluka ke betu. Akuko mntu °waka wati amliyityi inyama kantiutetainya- mayebhokwe yodwa; nokuba na ixlie- Iwe obona, akatelekisi ati bayakwazi ukuba nditeta evebhokwe kuba ixholwe ndikangele, Uti andiyitvi *inyama ye bhokme,* kuba ukuba uti audivityi *inyama* udibanisa nengekoyo apo. Oko kukuti kuyhnfanelo ukuti ukuti u Mxbosa inyama, uqonde enye, nazo sonke ezintlobo zenyama: mutton, beef, veal. N°-ako oko ukuti umfundisi otile ungowokuqala kuhlanga oluntsundu (kwi Dolcese yase St. John's) ongene ngocinya okupumelola abamhlope ngalo ; lawn mazwi anokuqo ndwa ngumniniwo yedwa ukuba asingise kulublu Iwaba Pi iste bodwa, pezu kokuba Kwakutetwa ngoninye wabo. Uti gxebe, nknbi, " ndipikisa indawo yoguba u Mr. Xybi ngum Priest wokuqala kwi Dosisi vase St. John's opnmelele uviwo lwabamblope?" Hai ke kona, andiyi- kuvuma uknbotshelwa. ' Ukuba wawuto kwatiwa ngum *Priest,* wokuqala, nge- ndingakuqekezi intloko, kuba ndiyazi lonto ukuba yinyaniso yodwa. Indawo yokugqibela uti, ngendinganixelelanga ngo Mdikoni, ngokuba akoniwanga yinteto yo "Lilungu." Yo! kuhia nga- mqa'a innye kona. Nguwe ovuyileyo wakuboniswa, ukuba amagama abafundisi ababekeki eyq base Rini engavumanga ukushenxa ezindaweni zawo. Ukumbula ngokuba ktiyqlile kuma Dikoni (kuba akanayo, ndibuye ndakumbuia), uti kuqanandi atiwe ukushenxiswa ezindaweni zawo. Ukuti ilitye e'aqalwa ukufunqulwa ngawo, liti ukufunqulwa yindoda enkulu, kutiwe kumhla kuze kubonwe? Hai, nqi *holoni.*

J. MANELLE.

Mnxe, Cala, 20 August, 1895.

Iminyaka esixenxe u Mrs. W. D. Loader, wase, Quiney, Ky , wayefunyenwe kukulamba nokuba huhhingn kwpyisi.. U Mr S. R. Moyse, Umpitikpzimaypza waiondawo, wati makafune elika Chamberlain le Sisu no Xaxszo, elabanga ukuba apilo mpela na, elamsindisa kwi ntiungu nendleko zokumana efuna ama gqira, ezazingafuneki nganto. Litengiswa kwa R. Lumsden Co., eQonce.' 9

AMADINDALA—B London amadindala 14,000; e Paris 6Q00; e New York 3,800- Ngonjaka kubanjwa e New York 85000; e Pan's 100,000; e London 150 000,

THE WEEK.

THE British Parliament has been prorogued.

TERRIBLE mortality is said to exist among the French troops in Madagascar.

OVER seventy goats were killed recently by lions within three miles of Salisbury.

THE anniversary of the battle of Sedan has been celebrated on an immense scale in Berlin.

THE Imperial Government has intimated its resolution to construct the Uganda Railway for £2,000,000.

WE are glad to learn that the Hon. C. W. Hutton, M.L.A., is practically well from a recent illness.

MR. TAMPLIN, M.L.A., addresses meet-
ings of his constituents next week—on Monday at Peddie, and on Saturday at Alice.

MUCH needed rain fell last week throughout the Eastern districts. In some places it was accompanied by snow. Some showers have also fallen this week.

THE Rev. P. J. Mzimba, of Lovedale, who was reported last week to be seriously ill, is, we arc glad to learn by latest accounts, getting better.

DISCOVERIES of paying gold have been made in the district of Herbert, and an exploration syndicate has been floated with a capital of thirty-five thousand pounds to work certain gold properties in Hay and other districts in Griqualand West.

IN official circles in the Free State it is understood that Mr. Wiener, Sir Gordon Sprigg, Mr. Schreiner, and Dr. Te Water will represent the Colony in the Customs Union, while the Free State will be represented by Messrs. Fraser. Fischer, Klynveld, Keyter, and Grobler.

THE Hon. J. Rose-Innes has recovered sufficiently from the influenza as not only to be able to attend a meeting of the Political Association on Friday last, but to take a round trip to Johannesburg, Pretoria, Delagoa Bay, and the coast. On the latter Mr. C. T. Jones, M.L.A., accompanies him

A FIRE, which is described as of a terrible character, broke out on Thursday last in the neighbourhood of Cato Ridge, Natal. The country was burnt for miles around, and the greatest destruction of crops and stock has taken place. The Rev. J. Allsopp's premises have been burnt down, the estimated loss being over £500.

IN the House of Commons last week, Sir E. Ashrnead-Bartlett, repeating in the House of Commons his charges against the Boers, stated that he had already given Mr. Chamberlain ample evidence. Mr. Chamberlain warmly replied that Sir E. Ashmead-Bartlett was mentally incapable of distinguishing between charges and proofs. He intended to test the evidence, and could not assume that it was correct.

His Excellency the Governor of Natal issued last week the following notice about concessions in the newly acquired territory of Tongaland: " Notice is hereby given to all whom it may concern that no concession, alleged to have been granted to any person whomsoever in that portion of Amatongaland which is under British protection, will be recognised without the consent of her Majesty's Government, as represented by the Governor of Zululand, who is Her Majesty's Special Commissioner for Amatongaland."

SIR JACOBUS DE WET, British Agent in Pretoria, has handed to the Transvaal Government a communication from the High Commissioner concerning the closing of the Vaal River drifts. The action of the Transvaal is therein referred to as being a violation of Article 13 of the London Convention, part of which runs as follows: "Nor will any prohibition be maintained or imposed on the importation into the South African Republic of any article coming from any portion of her Majesty's dominions which shall not equally well extend to like articles from any other country or place." No reply to this communication has as yet been drafted by the Kruger Government.

SENSATIONAL sales of property have taken place in Johannesburg. Messrs. Peach & Co.'s buildings and six stands, near the old Post Office, were sold. There was a big attendance, and the bids were of £500. A few years ago Messrs. Peach bought this bind for £2,400. More recently, when the Sanitary Board advertised for a Town Hall site, they offered it for £24,000. Last week they got £40,000 for the property, at which figure it was knocked down to Mr. S. B. Joel. It is reported that Mr. Joel intends spending £90,1X30 on the property which he has bought in the erection of a handsome theatrical arcade. Mr. Tracey is building a huge boarding house and restaurant on London principles on Von Brandis Square, and other speculators are trying to get a fine stand near the new Hotel Victoria for a theatre. Mr. Von Brandis has sold his house to the Wesleyans for £6,000, It faces Gpvernment square, and is something of a landmark. The Wesleyans will sell the site of their present church, and will probably get £15,COO for it. The English Church js said to have been ottered £30,000 for stands near St. Mary's, and it. will probably sell. This will leave it £25,000 in hand to build a new church.

A KING NATIVE LOCATION.

THE town will have no difficulty in entertaining a proposal for another Native location ; the question is, Where, and How. There is every reason for taking this , forward step The Station and some places across the river are excessively crowded, in fact it is a wonder where the host of domestics and others employed in town, who go there at night, can find accommodation This unnatural crowding has a mischievous effect on the health and on the morals of the Natives, which in both respects is a perpptual menace to f undies and employers in town. The insmitary state is shown from the fact, that while the European Death rate last year was 1198 in a thousand, the Native death-rate was twice and q half as great, or 36 O78. Were an epidemic to break out, it would be a serious business foy the town, Grahamstown holds forth a warning to other towns. Low canteens and a packed badly governed location there seem tc attract ruffianism, which has resulted in three horrid murders 1 of Europeans, and it is said it is unsafe for respectable people to venture out into the streets in the evening. They owe all this to thei iselves. In this town 1he case is otherwise from the Natives bei ig well behaved, but it would be proper to put things inorder, lest such evil doers come here. As a proof of great crowding, a cavalcade of horsemen may bo seen leaving town at night. They are Native storemen riding out to their homes in the country—an awkward arrangement to say the least of it

As to the Where of a new location, there is an excellent site as you go out the road to the Grand Stand, just before coming to a dry water course where a blue-stone quarry is opened, short of the first rise in the road. There is a large level area below the road, between it and the river. The site is per fectly healthy from the soil being sandy, and it is sufficiently far from the town, which will eventually grow, and being below the level of the east end of Alexandra Road, it is quite within reach of the town water—for it is sickening to think of people having to drink from the Buffalo river after the sewage, and the foul washing from the dirty town linen and the water from the woolwash establishments are poured into it.

The How presents some difficulties not insur nountable. The house erven should be roomy. How can the Natives ''se in civilization when crammed into places with inevitably filthy surroundings, through the shabby and illiberal ideas of the ruling class. No hut should be permitted in the new location ; nothing but square houses on a stone foundation, but without restriction as to building materials, and the utilizing of an erf for squatting by putting two dwellings on it should be absolutely interdicted. The sale of the house erven would far more than clear all expenses of survey and water-pipes. There is reason to believe that many Natives would buy erven, were the price moderate, and that they would build square houses. Ten or twelve such have been built at Hackney Mission Station. They cost surprisingly little, as the Natives themselves supply labour and materials of stone and brick. The Hackney Fingoes have no such means at command as the store Natives here, who earn fror, £1 to £1 5s. a week, much of which they need not spend, as in many instances they have ground out n the country. There are also otht r respectable Natives here bes' 'es storemen, who are well to do, ut are hemmed in from the impossibility of getting ground A Building Society would be necessary, with three or four of the leading citizens us directors The society would accumulate the necessity savings, and make the needful arrangements for building. King-williamstown ought to take the lead in an advanced and liberal treatment of the Natives for their and its own good. If this plan does not succeed, it should at least have a trial.

THE NATIVE PETITION.

OUR people's Petition to the Queen in Council has attracted a certain amount of attention, the *Cape Argus,* which is the recognised mouthpiece of Mr RHODES, criticising it mercilessly and in certain respects unfairly. " It has been drafted " we are told by the Government organ, " with considerable skill, in a tricky manner calculated to catch the eye and lay siege to the heart of the amiable Hit ignor nt folk at Home." We suppose that, it is because the *Argus* is affected by the skilfulnesu of the petition ; and when it say it lays siege to the heart of per 'e at Home, it is because it ftels 1 e imoral pressure itself If FO, then, our peop'e have reason to be satisfied. To say that the people at Home are ignor ant and easily duptd is monstrous, in the face of the fact that Mr. CHAMBERLAIN and the *Times,* representing those very people, have ar rived at totally different conclusions irorn those of the *Argus* on the facts as laid before the English people by the RHODESIAN organs themselves Any independent thinker is very ei sily do this; and strong minded men like Mr. CHAMUERBAIN who, while open to hear what others haye to say, do not surrender their own judgment, have done it. The *Argus* next proceeds to deal with 1 the arguments of the petition, and it is with regret we find it debasing itself and striking below the belt by misquoting the document it pre tends to refute Space does not permit us to do more than call at tention to this flagitious manner of arguing against an opponent. Let it suffice merely to illustrate by one example what we mean, and that the 'ery first serious argument in the article. The *Argus* says;—

Liberal exceptions are macle, regitered voters, municipal property holders, all to whom certificates of good character are grrnted, being exempt from the provisions of the Act, and yet the petitioners actually make the following assertion: "Native ministers, school ; teachers, respectable males and females , of all rank?, however necessary it may be for them to go abroad between the hours of nine p.m. and four a.m., cannot do sb without certainty of punishment, if caught by the police................."

This is stripping a sentence from its context with u vengeance, reminding us of the hackneyed mis quotation of the verse in Scripture, Hang all the Law and the Prophets." In the quotation from the *Argus* the phrase left out after the ! word "police " would have ex plained the whole, and it was left out wilfully, because it would have cut the ground from under the *Ar gus* charge of " wilful exaggeration," "mischievous distortion," etc , etc. The little dependent sentence is, " as the Act does not provide for " any reasonable defence being ac- " cepted or considered." We therefore hurl back to the *Argus* the charge of wilful exaggeration and mischievous distortion. As 1o " the liberal exceptions" the *Argus* but shows its ignorance of local facts when it thinks that the classes exempted are considerable. Per haps we may bo met with the spe cious description of good charac ter." We know that the Natives as a people are well-behaved— how many police are maintained to keep order in their locations ? But what is the good of a good character under a Government where a man is assumed to be without a character from the colour of his skin ?

NOTES.

The " Cape Mercury."

